## U-Yehova Uyasivana ?

*Izililo 3 : 44-46.*

**(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).**

U.Yehova uzigubungele ngelifu, ukuze unga candi namnye umtandazo wetu : Usensile sibe yinkunkuma, nento yokulahlwa pakati kwesizwe : Zonke Intshaba zetu ziyasakamela ngemilomo yazo : Pulapula ke ! Isi zetu esibangele oko konke :—

Taru Mhleli ngesituba sesi Mbongi
Ndiko coko ndisahleli andimbongi
Ndingu mpati tunga pesheya kwe Gqili
Ndakula nge ndevu ndaba njengo Hili

Nandzo Izililo zitsho amazwana
Ziti wa Yehova kodwa uyevana
Uti u Yehova Eyak' impendalo
Kuntsuka nditule kwade kwayizolo.

Ulinganisiwe wabonwa ulula—
Litsho kabuhlunga Elomdal' omdala
Ubukosi bako ngoko buhlutiwe
Banikwa Isizwe ngoko mb'alo womnwe.

Pindela kwasemva ap'uvela kona
Apo no Ntsikana wayolela kona
Ungacengi konke ngenxa yenyaniso
Kuba le yemali yeza nenkohliso.

Zipi ne Bhaibhile namhla maqgob'oka
Mandiyeke apo kuba ndobindeka
Watsho no Maqoma kwatiw' uyageza
Kub' engakingeni into zobugeza.

Lemitshato yona iyeyamanina
Imanywa iqulwa kwakamlambo pina ?
Singabo nxazonke abangenecala
No Tixo 'kesazi sife ntmacala.

Yiyo ke le mfundo sigwagwisa ngayo
Kwanalempucuko nisifunze ngayo
Sasiba kovela simanga saluto
Bafile nabanye bengazusanganto

U mona ukati kwano kangcatshana
Emnke ke no Tixo sisagxagxisana
Namhla asisazi kanye nenqu zetu
Nezikulu zetu konke kwati gutu

Emnka namasiko aye silungwini
Sehlukana sodwa saye zinkonxeni
Latshwizwi kwanini Afrika uyafa
Bapika bapiki besiti unga-fa

Onke namasela ase zikolweni
Onke namagqwira ase zikolweni
Onke namaxoki ase zikolweni
Abambe lipina ke Osemafini ?

Ase namaqaba abesaggob'oka
Sizeng' amalunga awa ke evuka
Abazali betu bona bayintoni
Sabashiya njalo sivale sindlini

Sayek' isitembu namhla siyashwesha
Sayeka nemb'ola kodwa siyashusha
Yiva ndikutyele ngwevu yakowetu
Nandzo ke intloko kulo ngxoxo yetu

Izwi lika Tixo lona liyinene
Silipete kodwa ngobumenemene
Satshabalalake ngokuswel' igqira
Wanga wonke umsi sowungama gqwira

Taru ! !

UMTETELI WA BANTU
(JOHANNESBURG)
MAY 15th, 1926.